



## IFAMA YOPHEHLO-MBANE NGOMOYA YASE-PERDEKRAAL EAST IPHETSHANA LEENDABA 2020



### UMBANE KUMAWAKA EMIZI KWELI LOMZANTSI **AFRIKA**



Siyazingca ngokubhengeza ukuba iFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yasePerdekraal East (Perdekraal East Wind Farm) iqale ngokusesikweni iMisebenzi yayo yezoShishino, yeminyaka engamashumi amabini, ngomhla wesibhozo kweyeDwarha 2020. Ngokusekelwa kwindawo entle kunene iWitzenberg kwiphondo leNtshona Koloni, la maphiko aphehla umbane owoneleyo wokukhanyisa kwimizi ekwikhulu elineshumi lamawaka (110 000), ngombane ococekileyo nohlaziyekileyo.

Ukuqeshwa koluntu lwasekuhlaleni kuthe kwayeyona ntsika ngethuba lenkqubo yolwakhiwo, kuquka noqeqesho lwezakhono, apho uninzi lwabasebenzi beprojekthi yolwakhiwo belusuka kuluntu lwasekuhlaleni eCeres, Nduli, Bella Vista kwanasePrince Alfred Hamlet.

*UCeba weWadi yasekuhlaleni, uDirk Swart: "Ngokuquka nenani elikhulu lwengqesho yasekuhlaleni, uninzi lwemibutho engenanto yakwenza norhulumente (NGO's) lufumene inkxaso ethe xhaxhe, ingakumbi iinkqubo zokuthomalalisa okudalwe yiCOVID-19. Ukongeza, isiza soPhuhliso lweMfundo yooNomngqushwana (Early Childhood Development) siye sakhwa, ngokubambisene nombutho wesisa iBreadline Africa, ukuze kubekho amagumbi okufundela athe xhaxhe anokukwazi ukuthwala abantwana abaneemfuno ezikhethekileyo."*



### IGUMBI LOKUFUNDELA ELITSHA UKUZE **KUFUNDWE NGCONO**

Ngokubambisana nombutho wesisa iBreadline Africa, iFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yasePerdekraal East incedise ngenkazathi yenkxasomali ekwakhiweni kwegumbi lokufundela abafundi abaneemfuno ezikhethekileyo, eVrolike Vinkies ECD Centre, eCeres.

Le khritshi yoluntu sithetha nje ikhathalela abantwana abangamashumi amabini anesine abaneemfuno ezikhethekileyo, kodwa ngenxa yokufakelelwa kwelinye igumbi, baza kukwazi ukonyusa inani labantwana bokufundela apha.

*"Le yintsikelelo kwisikolo sethu nanjengoko abantwana abakhubazekileyo baye bangahoyakali kwaye bakhutshelwe ngaphandle kwiinkqubo zezemfundo. Ngoku bafumana ithuba lokuba bafundiswe kwisakhiwo esihlangabezana neemfuno zabo." Mam' Andeline Coetzee, iNqununu yaseVrolike Vinkies ECD Centre.*

Enye yezinto ezongezwe yiFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yasePerdekraal East, ngokubambisana neBreadline Africa, yindawo evumela abakhubazekileyo ukuba bakwazi ukungena kwisakhiwo, ukuze kukwazekwe ukuhlangatyezwana nabantwana abahamba ngezitulo ezinamavili (wheelchair).







## IIGADI ZOKUTYA EZIZINZILEYO



Ilfama yoPhehlo-mbane ngoMoya yasePerdekraal inikeze inkxasomali kwiigadi zokutya ezizinzileyo ezilishumi, ixhasa iphulo leSebe lezoLimo lokonyusa umxakatho wokhuseleko ngokokutya eluntwini.

Ezi gadi zokutya zakhiwe ezikolweni, emizini, kwicawe yoluntu nakwiindawana ezimbini zokulima, phakathi kuluntu oluthabatha inxaxheba kuMasipala iWitzenberg.

Uluntu luphela luza kuxhamla ncasasana kule projekthi, nanjengoko isivuno siza kusetyenziswa kumakhitshi esuphu oluntu asele ekhona kuquka nokutya kwamihla le kwikhritshi yabantwana. Isivuno esingaphaya komlinganiselo obekweyo kujoliswe ekubeni sithengiswe kuluntu.

Izithole, iimbewu kwanezixhobo ziyanikezwa, ukongeza kwinkxasomali entlantlombini yephulo labaNxulumanisi beGadi yoKutya 'Food Garden Co-ordinators', ukuxhasa nokunceda ukuba zizinze ezi gadi zilishumi elinanye.

Isebe lezoLimo lwenze uqeqesho kubo bonke abaxhamli bezi gadi zokutya ze labanika amatanki wamanzi.



## AMAKHITSHI ESUPHU ONDLA ULUNTU

Njengokuba imozulu ebandayo, eqhaq hazelisa amazinyo ibithubeleza kwiNtshona Koloni iphela, amalungu oluntu angamakhulu amahlanu (500) aseBella Vista, Nduli kuquka neVredebes, Prince Alfred Hamlet naseCeres ebesondliwa ngokutya okushushu kwamihla le yimibutho yasekuhlaleni engenanto yakwenza norhulumente (NGO's), ngenkxasomali esuka kwiFama yoPhehlo-mbane ngoMoya yasePerdekraal East.

IWitz Events Network ibingomnye wale mibutho mithathu yasekuhlaleni, engenanto yakwenza norhulumente (NGO's), nebinoxanduva kule nkqubo, phantsi kwephulo elithi uKondla uLuntu lwethu ngeThemba "Feeding our Communities with Hope".

*"Ngenxa yeCOVID-19, uninzi luye lwaphulukana nokugxila ngenxa yokulamba esiswini kwaye imizi ibiphantsi koxinzelelo kuluntu lwethu, apho oomakhulu bekufuneka benze isicwangciso sokuba kuza kuvela phi na okunye ukutya. Ngoko ke le nkxasomali ayincedanga nje ekondleni abantu bethu ngokutya, kodwa ikwazile ukuza nethemba kwanesidima," Warrick Alexander.*

